Isifundo 4

**Apreli 15–21*

Ulwalamano Lwasekuhlaleni



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
1 Pet. 2:13–23; 1 Pet. 3:1–7; 1 Kor. 7:12–16; Gal. 3:27, 28; IZenzo 5:27–32; Lev. 19:18.

Indima Yenkumbulo:
“Ngaphezu kweento zonke ke, yibani nothandano olunyamekileyo, ngokuba uthando luya kugubungela inkitha yezono” (1 Petros 4:8).

Ileta kaPetros ihlasela ngokutsolileyo ezinye zeenzima zasekuhlaleni zexesha lakhe. Umzekelo, amele ukuphila njani amaKristu kubuRhulumente obunengcinezelo nobukhohlakeleyo, njengoko uninzi lwawo lwalunalo mava anjalo ngelo xesha, kubuRoma bobuhedeni? Amele ukusabela njani amaKristu angamakhoboka xa iinkosi zawo ziwaphethe ngqwabalala nangokungenabulungisa? Nangona ubudlelane bomqeshi nomqeshwa kweli xesha langoku bahlukile kobenkulungwane yokuqala, ubudlelane benkosi nekhoboka, into ethethwa nguPetros, ngaphandle kwentandabuzo, iya kuvakala nakwabo kufuneka besebenze neenkosi ezingenangqondo. Inika umdla kakhulu into yokuba uPetros alathe kuYesu, kwindlela awaphendula ngayo (uYesu) ekuphathweni kakubi njengomzekelo wendlela amaKristu amele ukuziphatha ngayo xa ejongene nemeko efanayo (1 Pet. 2:21–24).

Amadoda nabafazi bamele ukuphathana njani omnye nomnye, ngakumbi xa besahluka kumcimbi obalulekileyo, njengenkolo? Ekugqibeleni, amaKristu amele ukwalamana njani nohlelo lwasekuhlaleni xa, kuthe kanti, uhlelo lwasekuhlaleni kunye/okanye nolopolitiko lukhohlakele ngokupheleleyo lwaye luchasene nenkolo yobuKristu?

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Apreli 22.*

Ibandla NoRhulumente

Nangona yabhalwa kudala, iBhayibhile injalo ichukumisa imiba ekhoyo nanamhla, njengobudlelwane phakathi kobuKristu nokulawulwa kwawo. Kwezinye iimeko, kucace kakuhle. IsiTyhilelo 13 sithetha ngexesha xa ukuthobela amagunya opolitiko kuya kuba kukungathobeli uThixo. Kwimeko enjalo, emasikukhethe kucacile. (Bona isifundo sangoLwesine.)

Funda 1 Petros 2:13–17. ILizwi lisixelela ntoni apha ngendlela esifanele ukwalamana ngayo noRhulumente?

Ububi boMbuso wamaRoma babusaziwa kakhulu ngabo babephila kwimida yawo. Bakhula ngendlela yokuzithandela eguquguqukayo yamadoda athanda udumo ngokusebenzisa ngendlela ekrwada amandla omkhosi. Konke ukuxhathisa kwakuchithwa ngobubhovubhovu. Ukungcungcuthekisa okucwangcwisiweyo nokufa ngokubethelelwa kwakubobunye bobubi obabusetyenziswa kwabo babesohlwaywa. URhulumente wamaRoma wayezaliswe kukubonelela abazalanayo kunye nenkohlakalo. Abaphezulu ababelawula babesebenzisa amandla ngekratshi nobukrwada obukhulu. Sekunjalo, uPetros ukhuthaza abafundi bakhe ukuba balamkele igunya elimiswe ngumntu kuso sonke isimiso sobukumkani, ukususela kukumkani kuse kumlawuli (1 Pet. 2:13, 14). UPetros uzathuza ngelithi, ookumkani nabalawuli bohlwaya abo benza okungalunganga, badumise abo benza okulungileyo (1 Pet. 2:14). Ngokwenza oku, banendawo ebalulekileyo ekulungiseni uluntu. Kunjalo, kuzo zonke iimposiso zabo, ubukumkani bamaRoma babunika ukuzinza. Bazisa ukukhululeka kwimfazwe. Babunobulungisa obuqatha, kodwa nabo busemthethweni. Bakha iindlela bamisela uhlelo lwendyebo olusemgangathweni ukuxhasa izidingo zomkhosi. Ngokwenza njalo, iRoma yenza indawo yokuhlala apho uluntu lwakwazi ukukhula lube nempumelelo. Ngokukhangela kweli cala, uPetros uthetha ngolawulo oluhle. Akakho uRhulumente ogqibeleleyo, ngakumbi lowo uPetros kunye nebandla awayelibhalela ababehlala phantsi kwakhe. Ngoko ke, into esingafunda yona kuye yeyokuba amaKristu kufuneka azame ukuba ngabemi abalungileyo, athobele umthetho kangangoko anako, nokuba ulawulo aphantsi kwalo alugqibelelanga.

Kubaluleke ngantoni ukuba amaKristu abe ngabemi abalungileyo kangangoko anako, nokuba iimeko azikho kumgangatho wokulunga? Ungenza ntoni wena ukuze kube ngcono apho uhlala khona, nokuba kuncinane kangakanani?

_____

_____

Iinkosi Namakhoboka

Funda 1 Petros 2:18–23. Siyiqonda njani namhla inzima yomxholo wezi ndima? Uthini umthetho-siseko esizifumanelayo kuzo?

Ukufunda ngokucokisekileyo u-1 Petros 2:18–23 kutyhila ukuba endaweni yokuvumelana nobukhoboka, iindima zinika ingcebiso yasemoyeni ngendlela yokucinga ngeemeko ezinzima, ezingenako ukuguqulwa ngokwelo xesha. Igama eliguqulwe ngokuthi "isicaka" okanye "ikhoboka" ku-1 Petros 2:18, u-oiketes, lisetyenziswa kumakhoboka amakhaya. Igama eliqheleke kakhulu lekhoboka, u-doulos, lisetyenziswe kuma-Efese 6:5, indawo enika ingcebiso efanayo. Kubukumkani baseRoma obunemigangatho kakhulu, ukuba namakhoboka kwakusemthethweni, ephantsi kolawulo olungqongqo lwenkosi yawo, eyayinokuwaphatha ngobubele okanye ngenkohlakalo. Amakhoboka ayevela kwiinkalo ezahlukeneyo: imikhosi eyoyisiweyo, okanye "athengisiwe" kuhlawulwa amatyala awo. Amanye amakhoboka ayenikwa umthwalo omkhulu. Ayelawula imizi emikhulu yeenkosi zawo. Amanye ayelawula amashishini, ade afundise nabantwana beenkosi zawo.

Inkululeko yekhoboka yayinokuthengwa, apho kwakuthiwa ikhoboka "lihlangulwe." UPawulos usebenzisa le ntetho ukuchaza oko uYesu asenzele kona (Efese 1:7, Rom. 3:24, Kol. 1:14, 1 Pet. 1:18, 19). Kubalulekile ukukhumbula ukuba iqela elikhulu lamaKristu okuqala lalingamakhoboka. Ngoko ke, ayebambeke kuhlelo awayengenako ukuluguqula. Lawo ayenelishwa lokuba neenkosi ezingqwabalala nesingenangqondo, ayekwimeko enzima; kanti nalawo iinkosi zawo zazilungile, ayehlangana neemeko ezinzima. Isiyalo sikaPetros kuwo onke amaKristu awayengamakhoboka sihambelana nezinye iintetho kwiTestamente eNtsha. Kufuneka azithobe anyamezele, njengoko uKristu wazithoba wanyamezela (1 Pet. 2:18–20). Akukho kunconywa kwabo babulaleka kuba benze okubi. Nakanye, umoya onguwo kaKristu uvela xa bephetheke kakubi bengafanelanga. NjengoYesu, ngamaxesha anjalo, amaKristu akufuneki abuyisele ububi, okanye oyikise, kodwa ezibeke kuThixo, oya kugweba ngobulungisa (1 Pet. 2:23).

Ziintoni eziphathekayo ezinokwenziwa kwezi zithethwa nguPetros apha? Ingaba oku kuthetha ukuba asiwameli amalungelo ethu? Yiza nempendulo eklasini ngeSabatha.

Amakhosikazi Nabayeni

Funda 1 Petros 3:1–7. Yimeko ethini ekhethekileyo uPetros athetha ngayo kule ndawo? Ifaneleke njani le nto ayithethayo emtshatweni wasekuhlaleni namhlanje?

Kukho umkhondo obalulekileyo kule ndima owenza ukuba umfundi ophaphamileyo ayenze le nto athetha ngayo uPetros ku-1 Petros 3:1–7. Ku-1 Petros 3:1, uPetros uthi uthetha ngabayeni "[abanga]livayo ilizwi." Ngamanye amazwi, uPetros uthetha ngento enokwenzeka xa umfazi ongumKristu etshate nomyeni ongenguye (nokuba abangakholwayo bambalwa). Inkosikazi engumKristu inokufumana ubunzima xa itshate nomyeni ongabelani nayo ngenkolo. Kumelwe ukuthiwani kwezi meko? Ingaba kufuneka ahlukane nomyeni wakhe? UPetros, njengoPawulos kwenye indawo, akacebisi ukuba amakhosikazi angamaKristu abashiye abayeni bawo abangakholwayo (bona 1 Kor. 7:12–16). Endaweni yoko, uthi uPetros, amakhosikazi anabayeni abangakholwayo mabaphile ubomi obungumzekelo.

Iindawo ababenazo abafazi benkulungwane yokuqala kubukumkani bamaRoma zazigqitywa kakhulu apho bahlala khona. Amakhosikazi amaRoma, umzekelo, ayenamalungelo amaninzi phantsi komthetho ongeempahla, nokuphindezelwa ngokomthetho, kunabafazi abaninzi awayebhalela bona uPetros. Phofu, kwezinye iindawo zenkulungwane yokuqala, abafazi babengavunyelwe bangene kwezopolitiko, eburhulumenteni, nasekukhokeleni kwiinkolo ezininzi. UPetros ukhuthaza abafazi abangamaKristu ukuba babe noluhlu lwemigangatho enokuthandeka kwimeko abazifumana bekuyo. Ukhuthaza ukuba babe nyulu babe nembeko (1 Pet. 3:2). Ucebisa ukuba umfazi ongumKristu akhuthalele ubuhle bangaphakathi kunokuzihombisa ngokwenziwa kweenwele kwangoku, namajikazi kunye nempahla yexabiso (1 Pet. 3:3–5). Umfazi ongumKristu makaziphathe ngendlela eyakuncoma ubuKristu kulowo uhlala naye osondele kakhulu—umyeni wakhe. Amazwi kaPetros akufuneki athatyathwe ngabayeni njengemvume yokuphatha kakubi amakhosikazi awo. Njengoko atshoyo, abayeni kufuneka babonise ukuwaxabisa amakhosikazi awo (1 Pet. 3:7).

Ngoku uPetros ethetha ngomba owodwa—amakhosikazi angamaKristu atshate nabangakholwayo—siyawubona kancinane umtshato ongumgangatho: Amaqabane angamaKristu kufuneka aphile ngokuxhasana, aphile ngentembeko ekunokubonwa ngaphaya kwayo njengoko enqula uThixo ngezenzo zawo zemihla ngemihla.

Ulwalamano Lwasekuhlaleni

Funda AmaRoma 13:1–7; Efese 5:22—33; 1 Korinte 7:12–16; nomaGalati 3:27, 28. Into ethethwa nguPawulo ihambelana njani nethethwa nguPetros ku-1 Petros 2:11—3:7?

UPawulos uthetha ngeminye yemiba ephakanyiswe ku-1 Petros 2:11—3:7 kwiindawo eziliqela. Into ayithethayo ihambelana kakhulu naleyo ifunyanwa ku-1 Petros. Umzekelo, njengoPetros, uPawulos ukhuthaza abafundi bakhe ukuba "[ba]walulamele amagunya awongamileyo" (Rom. 13:1). Abalawuli babekwe nguThixo, kwaye ngawokoyikwa kwimisebenzi emibi, kungabi kwelungileyo (Rom. 13:3). Ngoko ke, umKristu, kufuneka, "[anikele] irhafu ofanelwe yirhafu, unikelo ofanelwe lunikelo, ukoyika ofanelwe kukoyikwa, imbeko ofanelwe yimbeko" (Rom. 13:7). UPawulos ukwacinezela ukuba abafazi abatshate nabayeni abangakholwayo bamelwe ukuba baphile ubomi obungumzekelo, size isiphumo sibe kukuba abayeni babo bazimanye nebandla (1 Kor. 7:12–16). Umboniso kaPawulos womtshato wobuKristu ngowokusebenzisana. Abayeni bamelwe ukuthanda amakhosikazi abo njengoko uKristu wathanda ibandla (Efese 5:25). Ngapha koko, ucebisa ukuba amakhoboka amele ukuthobela iinkosi zawo zasemhlabeni njengoko ebeya kuthobela uKristu (Efese 6:5).

UPawulos, wayenentumekelelo ukusebenza ngokwemiqathango yenkcubeko ebekwe ngumthetho. Wayeyiqonda into enokutshintshwa nengenako kwinkcubeko yakhe. Kanti ke, wabona into phakathi kobuKristu eyayinokuphela izisa inguquko kwindlela yasekuhlaleni yokucinga ngabantu. Kanye njengokub a uYesu engazange afune ukuzisa naluphi uhlobo lovukelo lwezopolitiko ukuze atshintshe ukuhamba kwezinto ekuhlaleni, uPetros noPawulos abazange bazame. Inguquko yayinokubakho, endaweni yoko, ngempembelelo yegwele labahlonela uThixo apho bahlala khona.

Funda Galati 3:27–29. Nangona kucacile ukuba yintetho yemfundo ngoThixo le, inantsingiselo ni enamandla ekuhlaleni le ndima ngokubhekiselele kwindlela amaKristu anokudlelana ngayo kunye ngenxa yoko uYesu wawenzelayo?

UbuKristu Nocwangco Lwasekuhlaleni

Nangona besazi ukuba imibutho nooRhulumente baneziphako, kwanezono, nangona benamava amabi nooRhulumente neenkokheli zenkolo uPetros noPawulos bakhuthaza amaKristu okuqala ukuba athobele amagunya abantu (1 Pet. 2:13–17, Rom. 13:1–10). AmaKristu, bathi, mawarhume anikele kwimibutho yabasebenzi egunyazisiweyo. Kangangoko anako, amaKristu mawabe ngabemi abangumzekelo.

Funda I-Zenzo 5:27–32. Luyintoni ulwalamano phakathi kokuthobela uPetros athi makunikwe amagunya (1 Pet. 2:13–17) noko uPetros nabanye abapostile bakwenzayo kwesi siganeko?

_____

_____

_____

Iimpumelelo zokuqala zamaKristu zakhokelela ekubanjweni kukaPetros noYohane (I-Zenzo 4:1–4). Babebuzwe ngabalawuli, amadoda amakhulu, nababhali, bakhululwa ngesilumkiso esingqongqo ukuba bayeke ukushumayela (I-Zenzo 4:5–23). Kungekudala emva koko, babanjwa babuzwa ukuba kutheni bengayilandeli into abayixelelwe ngamagunya ukuba bayenze (I-Zenzo 5:28). UPetros waphendula wathi, “Simelwe kukuthi sive uThixo kunokuba sive abantu” (I-Zenzo 5:29).

Ithini inyaniso ebalulekileyo esinokuzifumanela yona kula mazwi?

_____

UPetros wayengakhohlisi, athethe le into abe esenza enye. Kwakufika kumba wokulandela uThixo okanye ukulandela abantu, ukukhetha kucacile. Kude kube ngelo xesha, amaKristu kufuneka amxhase amthobele uRhulumente, nokuba basebenzela ukuzama ukuzisa iimeko zotshintsho ekuhlaleni. Xa imiba yokuziphatha isengozini, amaKristu kwakufuneka ngaphambili abandakanyeke ngokusemthethweni ukukhuthaza uhlobo lotshintsho olunokubonisa amaxabiso nemfundiso kaYesu. Indlela yokukwenza oku ixhomekeke kwiimeko ezininzi, kodwa ukuba ngummi othembekileyo akuthethi ukuba umKristu akanako okanye akufuneki ukuba ancede ukuphuhlisa ekuhlaleni.

Funda Levitikus 19:18 noMateyu 22:39. Umyalelo wokuthanda ummelwane wethu njengoko sizithanda ungasiquka njani isidingo sokusebenzela utshintsho olunokwenza ukuba ubomi bube ngcono, bube buhle kummelwane wakho?

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "The Impending Conflict," pp. 582–592; "The Scriptures a Safeguard," pp. 593–602; and "The Time of Trouble," pp. 613–634 in *The Great Controversy*.
U-Ellen G. White uphakamisa ukuba aBalindi babe ngabemi abalungileyo, bawuthobele umthetho welizwe. Wada wabaxelela abantu ukuba bangathi ekuhleni bangayithobeli ngokungakhathali imithetho yasekuhlaleni yokugcinwa kweCawa; oko kukuthi, nangona kufuneka begcine ngcwele umhla wesixhenxe weSabatha, njengoko eyalele njalo uThixo, abadingi ukuba bathi ngabom bayophule imithetho eyalela ukusebenza ngeCawa. Kwenye imeko eyayikhethekile, wakubeka kwacaca ukuba aBalindi kufuneka bangawuthobeli umthetho. Ukuba ikhoboka liye lazimela kwinkosi yalo, umthetho wawusithi kufuneka ikhoboka libuyiselwe kuloo nkosi. Walwa nawo loo mthetho wabaxelela aBalindi ukuba bangawuthobeli, nokuba zibe yintoni iziphumo. "Xa imithetho yabantu ingqubana nelizwi kunye nomthetho kaThixo, kufuneka sithobele okaThixo, nokuba zingayintoni na iziphumo. Umthetho welizwe lethu ofuna sinikele ikhoboka enkosini yalo, akufuneki siwuthobele, kwaye kufuneka sihlale neziphumo zokungawuthobeli lo mthetho. Ikhoboka aliyompahla yamntu. UThixo uyinkosi yalo osemthethweni, kwaye umntu akanalo ilungelo lokuthabatha umsebenzi wezandla zikaThixo, awubange njengowakhe." —*Testimonies for the Church,* vol. 1, pp. 201, 202.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Eklasini, xoxani impendulo yenu kumbuzo wesifundo sangoMvulo esingalo mba: Ingaba amaKristu akufuneki ukuba amele amalungelo awo? Xa nisenza oko, phawulani nalo umbuzo: Kanye, athini amalungelo ethu?

2. Ithini imizekelo apho igalelo lamaKristu lakha lanomfutho omkhulu ekuguquleleni umphakathi kokulungileyo? Zifundo zini esinokuzifumana kwezi ngxelo?

3. Ithini imizekelo apho amaKristu, endaweni yokunceda ukuba kubekho utshintsho kububi basekuhlaleni, asuka avumelana nobo bubi ada abuthethelela? Zifundo zini esinokuzithabatha nakulawo amabali?

4. U-1 Petros 2:17, uthi, "Ukumkani mbekeni." Ukumkani ngelo xesha inokuba yayinguNero, omnye wabona babi nabakhohlakeleyo kuluhlu lwamadoda obelusele lulubi lukhohlakele kakade. Sithini isigidimi esiphathele yona le ndawo namhlanje? Indawo aqale ngayo uPetros ethi, "Bekani abantu bonke," ingasinceda njani ukuba siyiqonde into awayeyithetha?

5. Funda: 1 Petros 2:21-25 eklasini. Siqukwe njani isigidimi seendaba ezilungileyo kwezi ndima? Themba lini ezilinikayo? Zithi masenze ntoni? Siyilandela kakuhle kangakanani loo nto kuthiwe masiyenze apha?

Notes